

APRILI 2020

24-hour Emergency Fire Brigade 028 313 8000/8111
028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni



USodolophu waseOverstrand uDudley Coetzee uzibandakanye noMfundisi uGqirha James Gray noKholoneli Hayter (ongummeli webutho lasebukhosini iKing's Royal Rifle Corps e-UK) ekukhumbuleni imbali ebalaseleyo ka-HMS Birkenhead.



Amaqela ngamaqela ebutho lee-MOTHS abonakale evathe ngokupheleleyo ukunika imbeko koogxa babo abangamajoni abanikela ngokungenakumbi ngobomi babo mhla yanzulumbeka emhlabeni i-HMS Birkenhead kwiminyaka eli-168 eyadlulayo. Abasemfanekisweni apha, ukusuka ekhohlo ukuya ekunene, nguPeter Goldie, uMark Robson, uPeter Dickens kunye noLlewellyn Tiltman.

“ABAFASI NABANTWANA PHAMBILI”

Ikhunjulwe ngokufanelekileyo imbali engasokuze ilityalwe kaBirkenhead

Ngomhla wama-26 kweyoMdumba 1852, u-HMS Birkenhead - inqanawa ehamba ngomphunga ethutha amajoni ukuya eAlgoa Bay - yanzulumbeka emhlabeni umgama ongephi ozikhilomitha ezintlanu ukusuka kwinto namhlanje ebizwa ngokuba yiDanger Point malunga nentsimbi yesi-2 ekuseni okwandulelwa bubusuku obabumnyama kakhulu.

Kwimiphefumlo engama-643 eyayisenqanaweni, kuphela li-193 elasindayo. Amajoni amaninzi arhaxwa lukwiindlwana zokulala zawo, lo gama uninzi lwabo babekhaliphe ngokwanelelo ukuba batsibe enqanaweni baba ngamakhoba ookrebe okanye basweleka ngenxa yokufunyanwa ziingqele ezigqithiselelo.

Ngenxa yokuba zazingekho izikhophe zokuhlangula imiphefumlo ezilungisekayo zokukhupha wonke umntu, amajoni okwabalaselayo kukuba bema ngokungagungqiyo bevumela abafazi ukuba bakhwela kwizikhophe zokuhlangula imiphefumlo kuqala kwanokuya kufika elunxwemeni bekhusilekile.

Ukususela ngobo busuku beshwangusha, yaye nkqu nangona ingazange ifakwe kumthetho wheelwandle zamazwe ngamazwe, umthambo weBirkenhead othi, “Abafazi nabantwana kuqala”, usetyenziswa kumazwe ngamazwe njengenkqubo yokusaba emiselweyo.

Kodwa loo nto asikokuphela kwembali ye-HMS Birkenhead. Ukulumkisa iinqanawa ezidlulayo ngamawo ayingozi akunxweme lwaseGansbaai abangela ukuba inqanawa ibe kwishwangusha, kwaye kwakhiwa indlu elwandle yokulumkisa iinqanawa ngeengozi kwiDanger Point ngowama-1895.

Le ndlu ikhanyayo iselwandle ngoku ilumkisa iinqanawa ngeengozi njengesikhumbuzo esisebenzayo samakhoba nabasindayo kwintlekele yeBirkenhead.

Ukukhumbula esi siganeko sibalaseleyo, amalungu eMemorable Order of the Tin Hats (MOTHS) ahlanguka qho ngonyaka ukunika imbeko kumajoni enza isenzo sobugorha sokunikela ngobomi babo ukwenzela ukuba abafazi nabantwana babe nako ukuhlangulwa.

Kulo nyaka, uMfundisi uGqirha James Gray ukhokele iinkonzo zesikhumbuzo ezazibanjwe eBirkenhead Memorial ejongene nedwala apho inqanawa yahlangebazana nokuzika kwayo. Ngalo mini, izikhophe ezazikhwelwe yiMarine Dynamics, yiDyer Island Cruises, yiWhite Shark Projects kunye neShark Lady Adventures zabeka iinkatha elwandle, lo gama ukuculwa ngesithozela kuka-Amazing Grace nguDeon Naudé kwixilongo kwakuvuselela imifanekiso-ngqondweni yokuthuthunjelwa, uloyiko, ukudideka ingqondo nokuphelelwa lithemba ngokupheleleyo kwabakhweli nabaghubi ngokufanayo kwakunyanzelekile ukuba bajongane nobo busuku beshwangusha.

Emhlabeni, kwabekwa iinkatha nguSodolophu oLawulayo waseOverstrand onguDudley Coetzee, uColonel Hayter (weKing's Royal Rifle Corps yaseUK), uLuthenanti Koloneli Coetzee (waseGansbaai SAPS), uJulia Barlow (weGansbaai CPF), uGlenda Kitley (weGansbaai Tourism), uLejine Peter Dickens (weSA Legion), u-MOTH Leonard Marais (weBattledress Shellhole), u-MOTH Flip Basson (weDawn-patrol Shellhole), u-MOTH Peter Goldie (weSeagull Shellhole), u-MOTH Niel Bright (weMotorcycle Association), u-MOTH Vanessa Chambers (weRoyal Navy Association) kunye no-MOTH Keith Gelvin (we-HMS Ganges Association). U-Ricky de Wet, oyinkumanda yeBattledress Shellhole, ucengeceleze umthandazo womkhosi wee-MOTH.

Iimpahla ezafunyanwa e-HMS Birkenhead zinokubonwa kwindawo yokutyela iGreat White House eKleinbaai kwakunye naseStrandveld Museum eFranskrak.

UKUZIKHUSELA KUMONAKALO ODALWA ZIIMFENE NEENKQUBO ZOLAWULO-NKUNKUMA NGOKUKUKO

Iimfene zitsalwa kukutya yaye zingena kwiipropathi ngenjongo yokufumana ukutya.

Kuba iimfene zinokubangela umonakalo omkhulu ekhayeni lakho, kubalulekile ukuyilawula ngempumelelo ipropathi yakho kwilinge lokuyenza ukuba ingabi namtsalane kwiimfene.

Gcina inkunkuma ikhuselekile kumgqomo okhuselekileyo kwiimfene yaye usebenzise indlela yokulawula inkunkuma ngokukuko.

Indlu nganye ivumeleke ukuba mayibeke umgqomo onamavili ube mnye okanye iingxowa zeplastiki ezine ize yona inkunkuma ibeke ecaleni kwendlela ukwenzela ukuba izokuthathwa ngumasipala apho iimfene zingahluphiyo khona. Nakuba kunjalo, kwiindawo zonke eziqatshelwe ngumasipala njengeendawo ezithandwa zizilwanyana ezihluphayo, izikhongozeli kufuneka zikhuseleke zibe nedivayisi etshixwayo ezingenako ukuyivula iimfene. Qaphela, ngokunjalo, ukuba kwezi ndawo, akuvumelekanga ukuba ukuba iiplastiki zenkunkuma mazishiywe kwiipavumente.

Ezi ndawo zibhengezwe njengeendawo ezinezilwanyana ezihluphayo kuseOverstrand naseKleinmond, e-Betty's Bay, e-Rooi Els, e-Pringle Bay, e-Onrus, e-Voëlklip, e-Fernkloof (kuqukwa nemizi enamabala egalufa), e-Hermanus Heights, e-Eastcliff naseKwaaiwater.

Kubalulekile ukuba abanini-makhaya bawaqwalasele la malungiselelo yaye abanini-mhlaba nee-arhente kufuneka bawugqithisele lo myalezo kwabaqeshe indawo nakubatyeleli beeholide ngokunjalo.

Abatyeleli bangeempelaveki bayacelwa ukuba basebenzise iindawo zokulahla ezifumanekayo kwiindawo zabo ukususa inkunkuma yasezindlwini zabo. Ukwenzela ukunceda wena, izikhululo ekudluliselwa kuzo inkunkuma kwakhona zivuliwe ngeempelaveki nangeMigqibelo. Ngaphezulu, indawo yokulahla inkunkuma yaseOverberg Karwyderskrak.

Imigqomo yenkunkuma enamavili engama-240 ekwaziyo ukuvulwa ziimfene inokuthengwa kwii-ofisi zikamasipala yaye ziyi kuziswa ekhayeni lakho. Ngenye indlela, amahaga angakwaziyo ukuvulwa ziimfene anokufakelwa ngentlawulo engaphezulu kumgqomo wenkunkuma wakho okhoyo.

Sidinga inkxaso ethe rhoqo yakho ukunciphisa ingxaki eyenziwa ziimfene.

Umthetho kaMasipala wolawulo lweNkunkuma ngokuDibeneyo umisela ukuba inkunkuma ivumelekile kuphela ukuba ibeke ngaphandle kwepavumente ngomhla wokuza kuyithatha njengoko kungacetyiswa ukushiya iingxowa zeplastiki ezinenkunkuma iintsuku ngeentsuku kuba izilwanyana eziyabulayo ziyazikrazula zizivule iingxowa zeplastiki ezinenkunkuma, oko kukhokelele ekusasazweni kwenkunkuma kwindawo yonke.

BABOONS

INSIDE

NOT SECURE

LOCK

BABOON HOTLINE
071 588 6540
for reporting baboon issues in Voëlklip

BABOON HOTLINE
079 431 5956
for reporting baboon issues in Pringle Bay

UKWENZA UKUBA THONTSI NGALINYE LIBALE



Kuphantse kube YIVEKI YAMANZI YESIZWE, yaye nkqu nokuba uninzi lwabahlali luyayazi imbalela yaye lwenza, ngethemba elikhulu, indima yalo ukonga amanzi, iSebe lezokusiNgqongileyo likaMasipala waseOverstrand linika IINGCEBIŠO ZOKONGA AMANZI ezinokwenziwa ekhaya:

- Vala impompo xa uxukuxa amazinyo, ungawayeki amanzi azibalekele.
- Hlamba iimpahla zakho xa uneempahla ezanelelo umthwalo ophelileyo.
- Shawarisha endaweni yokuhlamba, ukuba kunako. Ukuhlamba kwemizuzu emihlanu kusebenzisa malunga nama-35 elitha zamanzi.
- Qokelela amanzi emvula ngokufakela iindlela zokuqokelela amanzi emvula endlwini yakho.
- Sebenzisa loo manzi ukuncenkceshela igadi okanye ukuhlamba.
- Lungisa iimpompo ezivuzayo nezindlu zangasese, yaye usebenzise iimpompo ezinesilondolozo-manzi (aerating faucets).
- Beka isitena okanye ibhotile ezaliswe ngamanzi kwindawo yokuchopha kwindlu yangasese ukuthintela ukuba indawo yokuchopha yendlu yangasese ukuba iphuphume.

Zininzi iindlela zokonga amanzi. Nangona ezi nzame zikhangeleka zocinane, oko kwenzeka umahluko kuba ithontsi ngalinye liyabala. Nantsi iindlela onokonga ngayo amanzi ekhishini:

- Sebenza isitya endaweni yesihluzo esimgobongqo (colander). Beka isitya sakho phantsi kwesihluzo esimgobongqo ukuqokelela amanzi, okanye usisuse isihluzo esimgobongqo uhlambekele imifuno yakho kwisitya kuphela. Loo manzi aqokelelweyo anokusetyenziselwa imisebenzi eyahlukeneyo ukuba akamdakanga. Ukuba unexhala malunga nalo naluphi na usuleleko olunokusuka naphi na, ukupheka kuya kuyisombulula ingxaki yakho.
- Ungavumeli iimpompo yakho ivulelwe ngokungeyomfuneko ukuba akawaqokeleli amanzi kwesinye isikhongweni. Ungahlambi izandla – okanye ziqhamo nemifuno phantsi empompeni.
- Hlambela iziqhamo nemifuno kwisikhongweni samanzi kunokuyeka iimpompo ivuzise phezu kwazo – emva koko ungasebenzisa la manzi egadini yakho.
- Bilisa ukutya kwakho kumanzi amancinane kangangoko unako ukonga amanzi kwakunye nexesha lokupheka. U kutya okunjengepasta neetapile, zifuna nje amanzi aneleyo ukupheka. Uncedo lusekubeni ukuba usebenzisa amanzi amancinane, ugcina kakhulu incasa nentswane kwimifuno yakho.
- Ungenzi nkitho ngamanzi okupheka – ukuba ubusebenzise amanzi ukubilisa amaqanda okanye imifuno, yibekela bucala ukuba iphole yaye uwasebenzise egadini.
- Lo gama irayisi, iitapile okanye ipasta ibilayog, faka imifuno yakho kwistima uyibekela ngaphezulu ukwenzela ukuba ivuthwe ngaxeshanye. Uya konga amanzi, ixesha yaye ugcine konke okunentswane kwimifuno yakho – yaye uya kuhlamba izitya ezimbalwa kamva.

UKUBONISA NGETALENTE YOLUTSHA



Ngenjikalanga yange-Cawa, ngomhla we-17 kuCanzibe 2020, i-Overstrand Arts/Kunste (OAK) iya kusindleka iimvumi ezimbini eziselula ezifunda eStellenbosch Conservatory. U-CAMERON WILLIAMS (odlala iklarinethi), owakha waphumelela ngokutshatshelweyo kukhuphiswano iNational Youth Music Competition, ozigqibe izifundo zesidanga sakhe sokuqala ekupheleni kowama-2019. U-JOSHUA FRANK (odlala ikatala) uphumelele isidanga sakhe sokuqala ngowama-2017 kwiBMUS yaye ngoku wenza iMastazi kwimuzikholoji ephathelele nezengqondo (cognitive musicology). Baya kuthabathekisa abaphulaphuli ngenkqubo yekonsathi yokubambisana ekuvela kuyo imisebenzi ka-Kovacs, Granados, Villa-Lobos, De Falla, Ponce, Piazzolla kunye noPaganini. Amatikiti ayafumaneka kwiOfisi yezoKhenketho (028 312 2629) ngexabiso le-R150 (NgamaR60 kubafundi). Thumela imibuzo kuRené du Plooy ku-082 940 4238.



KUFUMANEKA IZIBONELELO ZALE MIHLA ZE-IT ZABASEBENZISI BELAYIBRARI YASE-MOUNT PLEASANT

Umncedisi waselayibrari, Joslene Goliath, usebenzisa izibonelelo zokuskena nokuprinta ukwenzela undwendwe ikopi.



UPhuthumani Pono ubonisa umsebenzisi welayibrari indlela yokusebenzisa ukungena simahla kwi-intanethi kusetyenziswa iikhompyutha ezisandula ukufakelwa.



Okufakelwe kwiithubhikile ezicokeke kunene ezinika abasebenzisi intwana yokwenza izinto bucala, ilayibrari eseMount Pleasant ngoku iqhayisa ngeekhompyutha ezintsha kraca nazo zonke ngokupheleleyo izixhobo ezincedisayo ezinokwenza ubomi babahlali bube lula kakhulu.

Kuba eyona njongo iphambili kukufumana ulwazi lokunceda abantu ngokubanzi nabafundi ngokukodwa, abasebenzisi baselayibrari bayavuya kakhulu yinyaniso yokuba abasebenzisi belayibrari baya kuthi, kwixesha elizayo, baxhamle ukungena simahla kwi-intanethi.

"Kuba abanye beendwendwe zethu basenokufuna intwana yoncedo ukulungisa pha naphaya izakhono ze-IT zabo, siyavuya kwakhona ukwazisa ukuba sifumene uncedo lwegcisa le-ICT elinguChristopher Samboer," usolayibrari uMiralda Coert wongeze watsho.

Uho ngoLwesithathu, uChristopher uya kunika uqeqesho ekwenzeni amaxwebhu e-word processing, ii-spreadsheets kunye nenkcazelo-ntetho (presentation) kwakunye nendlela yokusebenzisa idathabheyisi, umzekelo. Njengoncedo oluthe kratya, amaxwebhu angumbala omnyama nomhlophe ngoku anokuskenwa ngokunjalo yaye afotokotshwe ngobuncinane berandi enye ngephepha ngalinye elayibrari.

ILayibrari i-Mount Pleasant ifumaneka e-Heide Street yaye ivuliwe ngeMivulo ukuya ngooLwezine ukusuka ngeyesi-08:00 – 17:00 nangooLwesihlanu ukusuka kweyesi-08:00 – 16:30. Ilayibrari kunokuqhagamshelwana nayo ku-028 313 8015/8984.

MASITHETHE!

ULwesine wokuQala kuTshaziimpuzi iya kuba ngumsitho wezonxibelelwano oya kubanjelwa eBetty's Bay

Kutshanje, uMasipala iOverstrand uqalise iphulo lokunxibelelana nabahlali bakhe rhoqo, oko kukuthi, qho ngoLwesine wokuQala wenyanga.

Injongo yemisitho yoLwesine wokuQala yile:

Ukubonelela abahlali baseOverstrand ngeqonga lokuviwa – kungathaliseki ukuba ngaba bafuna ukuphimsela imbono okanye ukuvakalisa iinkxalabo ngemiba abahlangana nayo; kunye Nokunika uSodolophu neqela lakhe ithuba lokuhlalana nabahlali ubuso ngobuso ngenjongo yokudala ukukhawulela kweemfundo neminqweno yoluntu.

Iintlanganiso zangoLwesine wokuQala zivuleleke kuye wonke umntu yaye zigcinwa zimfutshane kwilinge lokulungiselela abantu abaninzi kangangoko. Akukho nkqubo iqingqiweyo, yaye akukho mfuneko yokuphendula isimemo i-RSVP.

Vela nje wena ubekho yaye uzimisele ukuzibandakanya kwiingxoxo ngendlela eyakhayo.

NgoTshaziimpuzi, iintlanganiso yokuQala yangoLwesine iya kubanjelwa eCrassula Hall eBetty's Bay ngoLwesine, ngowesi-02 kuTshaziimpuzi 2020 ukusuka ngeye-17:00 kude kuyokuba ngeye-19:00.

Le yintlanganiso yokuqala elolu hlobo eya kubanjelwa ngaphandle kommandla weHermanus ngokuBanzi. Abahlali abasuka kwiOverstrand iphela bamkelekile kakhulu ukuzibandakanya yaye banokuginisekiswa ukuba eli phulo liya kuqaliswa kungekudala kwezinye iidolophu ngokunjalo.

#LETSTALK 17:00 – 19:00 e-Crassula Hall, e-Betty's Bay ngoLwesine wokuQala ngowesi-02 kuTshaziimpuzi 2020. Wonke umntu wamkelekile - niyamenywa!

VAKALISA ULUVO LWAKHO

Kukhunjuzwa uluntu ukuba banethuba kude kuyokuba ngowama-28 kuTshaziimpuzi ukwenza amavandlakanya kwisicwangciso sophuhliso esiqwalaselwe ngokutsha saza safakelwa izilungiso sikaMasipala i-Overstrand esiy-reviewed and amended draft Integrated Development Plan (IDP) yowama-2020/21, uyilo lwesizukulwana sesihlanu senguqulelo eyi-Integrated Waste Management Plan (IWMP) nohlahlo-lwabiwo-mali olusayilwayo lowama-2020/21.

La maxwebhu asayilwayo ayendlalwe kwiBhunga ngowama-25 kweyo-Kwindla 2020. La maxwebhu avulelekile ukuhlolwa kuzo zonke ilayibrari zikamasipala yaye zinokujongwa phantsi kwe-"amaxwebhu abalulekileyo" kwiwebhusayithi yaseburhulumenteni kamasipala www.overstrand.gov.za.

UKULAHLA INKUNKUMA NGOKUNGEKHO SEMTHETHWENI OKUXHALABISAYO

Kutshanje, amagosa onyanzeliso-mthetho abambisene nekomiti yolawulo lwenkunkuma yaseOverstrand ukucoca ummandla wentaba omelene neGateway Centre eHermanus.

Njengoko kukacileyo kwiifoto abazithathileyo, kukho isizathu esibambekayo sokuxhalaba malunga nokulahlwa kwenkunkuma okungekho semthethweni eOverstrand kuba lo mkhuba awudali soyikiso kokusingqongileyo nakwiilwandle zethu, kodwa kwakhona usisoyikiso kwimpilo yabahlali bethu.

Idabi elichasene nenkunkuma linako, nakuba kunjalo, ukungaphunyelwa kuphela ngemisebenzi yokucoca njengalo.

Abantu kufuneka baziswe malunga noko bakulahlwa, yaye nalapho kunye nangendlela abaza kwenza ngayo oko," uCraig Mitchell, uMphathi ojongene neNkunkuma, ulumkise wenjenjalo.

"Ngokuqinisekileyo, ukuza kuthi ga ngoku, wonke umntu uyazi ukuba ukulahlwa nje iibhotile zeplastiki neziqwentshu zeSIGARETHI kudala ingxaki enkulu. Ngelishwa, isibongozo sehlabathi ngokubanzi sokunciphisa ukusetyenziswa kweeplastiki kukhangeleka kusiwa kwiindlebe ezingevayo. Kucelwa ucinge ngenkunkuma oyilahlwa yonke imihla yaye, kucelwa ukuba, ungacolisi."

Ukulahlwa inkunkuma ngokungekho semthethweni kunokuchazwa kwiCandelo loNyanzeliso-mthetho laseOverstrand kwa-028 313 8996.

Ngokufanayo, ukuba unolwazi ngeendawo abantu abangcuchalaza/abakhempisha kuyo ngokungekho semthethweni, biza abezoNyanzeliso-mthetho okanye igumbi elibekwe esweni iiyure ezingama-24 ku-028 313 8000/8111 ngaphandle kokulibazisa.

